

## lingcebiso zokuziKhusela kwiziKhukula

Uluntu olukwiindawo ezintlithwe kanobom zizikhukula kufuneka **luthi qwa lulumke**, njengoko izandyondyo zemvula ziphinde zagqugqisa zashiya **umzila wentshabalalo nosizi kwiintsapho ezininzi** ezithe zalahlekelwa zizihlobo ngenxa yezi zikhukula ezitshabalalisayo.”

*UGq Nkosazana Dlamini-Zuma*

*UMphathiswa woLawulo lweNtsebenziswano neMicimbi yezeMveli*

**Inkonzo yeMozulu yoMzantsi Afrika** ikhuphe **isilumkiso esimalunga neemvula** ezisalindelekileyo kwiindawo ezininzi zelizwe. Xa **kukhutshwa izilumkiso zezandyondyo zemvula**, abahlali abakwiindawo ezithandwa zizikhukula okanye abo basengozini yezikhukula bacetyiswa ukuba **bafudukele** kwiindawo eziphakamileyo.

**Amaqela oLawulo lweNtlekele kwiPhondo nakwiNgingqi** kwilizwe liphela athe qwa elindile akwanceda uluntu oluchatshazelwe zizikhukula. **Ngelokubeka imeko esweni nokubonelela ngenkxaso**, iziko leSizwe loLawulo lweNtlekele (i-NDMC) linxibelelana namaziko olawulo lweentlekele ephondo nawengingqi asebenza kwezindawo zintlithekileyo.

### **lingcebiso zokhuseleko:**

- Abantu abahlala **kwiindawo ezikumhlaba osemazantsi** kufuneka bathathe ingqalelo xa kukho izaqhwithi, njengoko **izandyondyo ezifika ngequbuliso** zisenokubachaphazela. **Bajonje** amanqanaba okonyuka kwamanzi kungenjalo **bafudukele** kwindawo ekhuselekileyo okanye kwindawo ephuzulu xa inqanaba lamanzi lisonyuka.
- **Sukuwela** kwiindlela okanye iibhulorho ezizaliswe ngamanzi – sebenzisa ezinye iindlela.
- **Kuphephe** ukuwela iibhulorho ezisezantsi, imisinga kwakunye nemilambo.
- Ungaze nakanye uzame ukuhamba, ukuqubha okanye ukuqhuba emanzini **ahamba ngokukhawuleza**. Nokuba ngaba amanzi anobunzulu be-15 cm, angakwazi ukukududula akuthyalele enzonzobileni.
- **Abaqhubi beemoto** kufuneka balumke kakhulu kwaye bakuphephe nokuqhuba kwiindawo ezizele zizikhukula.
- Qhuba uye okanye upake **kwiindawo ezikhuselekileyo**.
- Uluntu kufuneka luhlale luthi qwa lubeke iliso okanye livule indlebe lumamele **izilumkiso zemozulu** kunomathotholo nakumabonakude.
- **Qhagamshelana** namaziko olawulo lweentlekele kamasipala wakho, isikhululo samapolisa esikufutshane okanye utsalele umnxeba kwiinombolo zikaxakeka zesizwe (112, 10177 okanye 107) xa ujongene nomngcipheko wokuchatshazelwa yimvula.
- Sukuzama ukuqhuba phezu **kwebhulorho ehambela kufutshane phezu kwamanzi** ukuba ngaba amanzi ahamba ngamandla ngaphezu kwayo ade ayayogquma kangangokuba nomhlaba ungasabonakali.

- **Fundisa** abantwana bakho ngobungozi bezikhukula.
- Gcina **amaxwebhu namaphepha akho abalulekileyo** kwisikhongozeli okanye into engangenwa ngamanzi.
- Gcina **umnxeba** wakho kufutshane nawe kwaye ube neenombolo zikaxakeka.
- Hlala uphaphile ngakumbi **ebusuku** kuba kubanzima nangakumbi ukuqaphela ukukhuseleka nobungozi bendlela.
- Musa ukumisa inkampu okanye ukupaka imoto yakho ecaleni **kwemilambo okanye imisele yamanzi**, ingakumbi ngexesha leemvula ezinkulu okanye leendudumo.
- **Ukuba ngaba uhamba ngeenyawo**, qaphela amanzi ahamba kancinane kuba asenokuba yingozi ngexesha leemeko zezikhukula. Ukuba udibana namanzi ahambayo, musa ukuhamba kuwo.
- Xa kukwazi ukwenzeka, zama **ukungadibana nawo nawaphi na amanzi ezikhukula**, asenokuthi kanti amdaka anelindle, i-oyile okanye ezinye izinto eziyingozi, kwaye kungenzeka athi kanti anombane osuka kwiintambo neziqonga zombane eziwileyo.

## **IINOMBOLO ZIKAXAKEKA**

**Abahlali bangakwazi ukuqhagamshelana namaZiko oLawulo lweNtlekele eSithili akufuphi kubo.**

Isithili sase-Ugu - 039 682 2414

Isithili saseMgungundlovu - 033 343 1719

iSithili sasoThukela - 086 010 4257

Isithili saseMzinyathi - 034 212 2222

Isithili saseMajuba - 034 329 7200

Isithili sase-Zululand - 035 870 1128/1130

Isithili saseMkhanyakude - 080 011 7770/035 573 1647

Isithili sase-King Cetshwayo - 086 100 3473/035 787 2698

Isithili seLembe - 032 437 9379/1

Isithili sase-Harry Gwala - 039 834 0070

Umasipala ombaxa waseThekwini - 031 367 0000